IVOTI YOHLAHLO LWABIWO-MALI LWE-13: UGQR I MEYER WEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO NGOWAMA-20 KWEYOKWINDLA KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI: UKUZISA UKWAMKELANA NGOKWEENKCUBEKO EZAHLUKENEYO SISEBENZISA IMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO

Somlomo oHloniphekileyo

Nkulumbuso eHloniphekileyo

Abalingane bam beKhabhinethi kunye noSekela-Somlomo

Inkokheli yeQela eliPhikisayo eliseMthethweni

Malungu aHloniphekileyo

Bongameli beemanyano zemidlalo eyahlukahlukeneyo

Oozihlalo bamashishini oluntu

Malungu emibutho yenkcubeko

Manenekazi nani manene

Mhla olu lawulo lwaqala ukulawula kwiminyaka emihlanu eyadlulayo, lwathatha ingqalelo yokuba imidlalo nenkcubeko ngamaqonga afanelekileyo okwakha isizwe, ukuzingca ngesizwe, ukuthand' isizwe kunye nobandakanyeko loluntu eNtshona Koloni.

Ukuze kuphunyezwe injongo yeNtshona Koloni apho wonke ubani eziva eyinxalenye, saqaphela ukuba kuqala kufuneka siphuhlise izixhobo

zomgaqo-nkqubo ukuyila ukwamkelana ngokweenkcubeko kunye nobandakanyeko koluntu.

1 Izixhobo zomgaqo-nkqubo zokwamkelana ngokweenkcubeko ezahlukeneyo kunye nobandakanyeko loluntu

1.1 Umgaqo-nkqubo weziko lolondolozo lwembali

Impumelelo ephambili yeeNkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali kunyaka ophelileyo yayikukuphuhliswa kunye nokwamkelwa koMgaqo-nkqubo omtsha weZiko loLondolozo lweMbali leNtshona Koloni. Esi sixhobo sifuna ukunciphisa iintlobo ezahlukeneyo zamaziko olondolozo lwembali, sibonelele ngamaziko olondolozo lwembali ezithili kuze kunikwe icala lolawulo lwamaziko olondolozo lwembali ngaphakathi kwigunya lomgaqo-siseko kaRhulumente weNtshona Koloni. Uyilo olusebenzayo lowiso-mthetho omtsha weziko lolondolozo lwembali lwephondo lulungiselelwe ukunika isiqhamo kulo Mgaqo-nkqubo.

1.2 UMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni

Somlomo, ngowayesakuba nguMongameli uNelson Mandela owasikhumbuza ukuba:

> *"Ukuba uthetha nomntu ngolwimi aluqondayo, oko kuya engqondweni yakhe. Ukuba uthetha naye ngolwimi lwakhe, oko kuya entliziyweni yakhe."*

Ulwimi lwasoloko lulolona phawu lubalulekileyo lwenkcubeko yoluntu. Yeyona nqwelo ibaluleke kakhulu yokuba abemi bephondo bamkelane ngokweenkcubeko ezahlukeneyo. Ngenxa yokuzalisekiswa okusebenzayo koMthetho wePhondo leNtshona Koloni weeLwimi (uMthetho 13 we-1998) kunye noMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni, wama-2005, urhulumente wephondo uyaqhubeka nokunikela kwimbono yephondo elineelwimi ezininzi apho abantu bazixabisayo iilwimi zabo baze bazihloniphe iilwimi zabanye.

Kulo nyaka udlulileyo, iKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni, ibhodi emiselwe ngokusemthethweni, yenze uphando ukuvavanya ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo kumasebe amabini ephondo – eloKhuselo loLuntu kunye neloPhuhliso loLuntu - lulandelwa yingxelo yeengcebiso.

Sifuna ukubulela le bhodi ibalaseleyo ngendima eyidlalileyo yokubek' esweni iilwimi kwaye sijonge phambili kwiziphumo zayo zophando olulandelayo lokuzalisekiswa koMgaqo-nkqubo weeLwimi kwiSebe leNkulumbuso.

1.3 Ulandelo-mgaqo loZalisekiso lweThala leencwadi

Ngokubhekiselele kwiNkqubo yesi-5 yoMgaqo-siseko, amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe yimimandla esebenzayo yobuchule obungaphandle bephondo. Kanti, ngokwembali, iinkonzo zethala leencwadi bezinikezelwa ngurhulumente wengingqi – owaziwa ngokuba "ligunya elingahlawulelwayo" likamasipala. Ngenxa yomsebenzi ongundoqo odlalwa ngamathala eencwadi ekubandakanyeni uluntu kunye

nokwamkelana ngokweenkcubeko ezahlukeneyo, kukho imfuneko ecacileyo kurhulumente wephondo kunye noomasipala beNtshona Koloni yokuqinisekisa ukuba bayayandisa impembelelo yemigudu yabo idibene, bekuphepha ukuphindwa kabini kwaye balulungelelanise uqingqo-mali lwabo.

Ngowe-19 kweyoKwindla wama-2012 uRhulumente weNtshona Koloni edlule kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ugqibe ngoLandelo-mgaqo loZalisekiso lweThala leencwadi kunye noMasipala oMbaxa weSixeko seKapa ukuxhasa izibonelelo eziqhubekayo zeenkonzo zethala leencwadi likarhulumente kuluntu lweSixeko esiMbaxa. Esi sivumelwano saqulunqwa ngokubhekiselele kwicandelo lama-35 loMthetho wama-2005 weNkqubo-sikhokelo woBudlelwane bangaPhakathi kuRhulumente (uMthetho 13 wama-2005) kwaye ungumnqantsa obalulekileyo wokulungelelanisa amanqaku/iminikelo kamasipala kunye nekarhulumente wephondo kwiinkonzo zethala leencwadi zoluntu.

1.4 INkqubo-sikhokelo yongeniso

Ngaphezu kweminyaka emihlanu edlulileyo, ezona mpawu ziqanjiweyo zomsebenzi wethu ibikukuphuhlisa iNkqubo-sikhokelo yongeniso kunye noLandelo-mgaqo olukhokela kuzalisekiso lwenkqubo yongeniso kwiphondo – elokuqala eMzantsi Afrika. ULandelo-mgaqo okokuqala lwenzelwe ukwenza isiko lolwaluko lube lolukhuselekileyo kumadoda. Phakathi kwezinye izinto, lubonelela ngoxilongo lwabakhwetha ngaphambi kokwaluka,

ukuqeqeshwa kweengcibi kunye namakhankatha, ukuqeqeshelwa uncedo lokuqala, ukukhethwa kweendawo, kunye nokusetyenziswa ngokugcinakeleyo koovimba abasingqongileyo.

1.5 UMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali yeMidlalo

Eyona mpumelelo ibalulekileyo ibikukudlulisela inkxaso-mali kumanyano lwemidlalo kwikota yokuqala yonyaka-mali. Oku kuzise ukuthelekelela okukhulu kakhulu kwicandelo kwaze kwakhulisa ubunjani beenkonzo zemibutho yemidlalo ehanjiswa kubaxhasi. Ukutyikitywa koMgaqo-nkqubo weNkxaso-mali yeMidlalo kwenziwa ngowama-2012 ukubuyisela inkxaso-mali ukuvumelana nemiyalelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

2 INkqubo yeMOD

Ngowama-2011/12 iKhabhinethi yeNtshona Koloni yayiphumeza **inkqubo ephangaleleyo eyenziwa ukuphuma kwesikolo** esekelezelwe kwiNkqubo-sikhokelo yoMgaqo-nkqubo woLuntu kunye neNjongo yeSicwangciso sePhondo: Ukukhuthaza uBandakanyo loLuntu.

Abantwana abahamba isikolo, ingakumbi kwiindawo ezihluphekayo, ngabona baselungciphekweni lokonzakala emva kwemini kuba basenokungena bani onokubajonga ngelo xesha. Oku kunokuba xhayela kubungozi bokuziphatha kakubi obufana nolwaphulo-mthetho, imisebenzi yemiguvela kunye nokusebenzisa iziyobisi zokuzonwabisa. Amantombazana akhulele kwiimeko ezifana nezi nawo angazibona ekhulelwa esemancinane. URhulumente weNtshona Koloni uye wasabela kulo mceli-mngeni

ngokudibanisa bonke abathathi-nxaxheba abaphambili ukuba bayile ungenelelo lolawulo olungathandabuzekiyo loluntu, olubizwa ngokuba kukuthatha inxaxheba kweNyambalala, iThuba kunye noFikelelo; iNkqubo yoPhuhliso kunye noHlumo. Le nkqubo iphangaleleyo ijolise kulutsha, ingakumbi kubafundi bezikolo zamabanga aphantsi kunye naphezulu, ngokubazisa kwezemidlalo kunye nemisebenzi yezenkcubeko kwiMibindi eli-118 leeMOD kwiphondo liphela.

3 Isebe elisebenzayo

Somlomo obekekileyo, iSebe lezeMicimbi yezeNkcubeko kunye neMidlalo (DCAS) liguqulwe kule minyaka mihlanu idlulileyo laba lisebe elisebenza kakuhle kakhulu likhokelwa yiNtloko yeSebe enobuchule kunye neqela layo eliphezulu lolawulo. Kulo nyaka uphelileyo, iSebe liphumelele izalathiso zezenzo ezili-152 kwezili-156. Isebe liphumelele ekuphuculeni inkuthalo yolawulo kunye nobunjani bolawulo kwaye lenze inzame zokuthethathethana ukuqinisekisa ukuba abahlulelane bethu kumacandelo emidlalo nezenkcubeko enza njalo. Oku kubonakala ngokuthi isebe liqatshelwe yiKomishini yezeeNkonzo zikaRhulumente njengesebe elikwindawo yesibini ngempumelele apha eMzantsi Afrika kwicandelo leeNqobo ezisesikweni zabaQeqeshiweyo kuthweso lweembasa elaziwa ngokuba yi*Public* Service *Professional Ethics Awards* ebelubanjelwe ePitoli kulo nyaka uphelileyo. Kwisicatshulwa, iKomishini yezeeNkonzo zikaRhulumente yaphawula umsebenzi owenziweyo ukubuyisela ubulungisa kunye nenkcubeko yeenqobo ezisesikweni zabaqeqeshiweyo kwiSebe.

Iprojekthi yethu esisikhokelo, iNkqubo yeMOD eyenza inxalenye yendlela yoluntu lwalo rhulumente, kancinci kancinci ngokuqinisekileyo iqala ukuthomalalisa ubungozi ulutsha elijongene nabo laze lalawula ubuchule balo. Ixabiso leNkqubo yeMOD belisanda kuthathelwa ingqalelo

ngurhulumente wesizwe xa iNkqubo yaphumelela njengeProjekthi eBalaseleyo: kuthweso lweembasa olwaziwa ngokuba yi*Mass Participation Award* kwiNkqubo yezeMisebenzi kaRhulumente weSizwe eyaNdisiweyo (EPWP) i*Kamoso Awards* (iCandelo loLuntu).

Eyona nto ibalulekileyo kukufumana uphicotho olungena chaphaza kuMphicothi-zincwadi Jikelele.

Somlomo, okona kuvotela ukuthembeka kweli Sebe kuvela ngoqingqo-mali olunyuke ngama-77% kule minyaka mihlanu idlulileyo kwaye namhlanje ndiyakwazi ukubeka uqingqo-mali lwezigidi ezingama-R626 olunyuke ngama-37% kuqingqo-mali lonyaka-mali wama-2013/14.

Impumelelo yeli sebe ibonisa ubulunga bolawulo olwathatha iNtshona Koloni kwiminyaka emihlanu edlulileyo … ngokwenene libali elihle elinokubaliswa.

4 Iinkqubo neeprojekthi zobandakayo lwasentlalweni kunye nolwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo

4.1 Iminyaka engamashumi amabini eNkululeko

Ngowama-2014 abantu boMzantsi Afrika baza kuhlangana nabanye abantu kwilizwekazi nakwihlabathi liphela kwimibhiyozo yethu yeNkululeko yeminyaka engama-20. Lo mbhiyozo ubalulekileyo unikezela ngethuba lokubhiyozela ukuphumelela kwethu ukulwa nobandlululo kunye nokujonga emva kwinkululeko yethu esayiphumelela nzima. Siza kujonga iimpumelelo zethu, sihlole inkqubela esiyenzileyo ukususela kowe-1994, sivavanye imiceli-mingeni eshiyekileyo, size ngokudibeneyo sithathe isigqibo sokuba singayiqwalasela kakuhle njani.

Ukuphawula lo mnqantsa siwuqabeleyo, uRhulumente weNtshona Koloni uza, edibene ne-*Artscape*, kubamba owona mbhiyozo ukhethekileyo ngoSuku lweNkululeko, umhla wama-27 kwekaTshazimpuzi wama-2014. Oku kuya kwandulelwa yinkqubo yeveki yonke ejolisele kubafundi kunye nolutsha. Iincwadana ezingama-250 000 ziphelele ezichaza imvelaphi kunye nentsingiselo nemiqondiso yesizwe zivelisiwe kwaye ziza kuhanjiswa kwakamsinya kuzo zonke izikolo kwiphondo.

Uvuthondaba lombhiyozo woSuku lweNkululeko weNtshona Koloni iya kuba ngumculo weqela iCredo, umsebenzi omtsha wokubhiyozela imithetho-sisekelo yoMgaqo-siseko wethu.

Abantu abahlala kumaphandle aseNtshona Koloni nabo baza kunikwa ithuba lokuthatha inxaxheba kwimibhiyozo yama-20 eminyaka. Iinkqubo ezimbini eziphaphamileyo zoncedo lwasemaphandleni ziza kwenzeka ngomanyano ne-*Artscape* kunye nenani leenkampani zobugcisa kunye nemibutho yasekuhlaleni yobugcisa neyenkcubeko. Kwakhona ukumanyana kunye nathi ngesesha elikhokelela kumatheko kunye nemveliso yeCredo iya kuba yi*Cape Town Opera* kunye ne*Philharmonic Orchestra*.

Umboniso okhethekileyo olungiswe yiNkonzo yeZiko loLondolozo lweMbali ukubhiyozela amaphawu ethu esizwe kunye neziNgxobo zeCD ezikhuthaza uMhobe weSizwe, oveliswe ngentsebenziswano noLungile Jacobs kunye nekwayara i-*African Voices*, iza kufikelela kuluntu lwethu njengoko oku kuza kusasazwa.

IKapa imiselwe njengeKomkhulu loYilo lweHlabathi lowama-2014. Kukho ukuvuya okukhulu kakhulu ngeeprojekthi ezingama-400 ezaphunyezwa luYilo lwaseKapa, inkampani engafumani nzuzo eyasekelwa ukumisela iKomkhulu loYilo lweHlabathi lowama-2014. Ukukhulisa umnikelo, iSebe liza kudibana ne*Cape Craft* kunye neZiko loYilo ukuvelisa umboniso woqwalaselo lokwenziweyo loyilo lweKapa kwiminyaka ngeminyaka. Lo mboniso nokufakela uza kuyilwa ukwenzela ukuba uhanjiswe uze uboniswe kwiinxenye zamaphandle aseNtshona Koloni, uMzantsi Afrika uphela kuquka

nokukhuthaza iNtshona Koloni kumatheko ezizwe. Amathuba alo mboniso angabonwa lilizwe lonke kuquka imisitho enxulumene noorhulumente bezithili apho iNtshona Koloni inesivumelwano sobudlelane bolawulo, umzekelo, iBavaria, i-Austria ePhezulu, iBurgundy, iQuebec, iShandong kunye neSao Paulo.

Uvimba wogcino-mpepha ezibalulekileyo waseNtshona Koloni kunye neeNkonzo zeNgxelo ziza kubhiyozela iminyaka engama-20 yenkululeko ngeVeki yoGcino-mpepha eziBalulekileyo zeSizwe ukusuka ngomhla wesi-5 ukuya kowe-9 kwekaCanzibe 2014 ngesihloko esisesi *OoVimba beNkululeko, ukuThatha uXanduva kunye noNyaniseko*. Ukhenketho lwalo kunye nemiboniso iza kugqalisela *kwiNdlela eya eNkululekweni* kwaye nendima edlalwe yiPalamente kuluntu olwahlukileyo eNtshona Koloni.

4.2 Umanyano kwiyaNtlukwano

Somlomo, emva kweenyanga ezili-18 ezidlulileyo mna kunye neSebe sisebenzele ukuphuhlisa ingqikelelo *yobushushu benkcubeko*. Ndichulumancile ukunika le ngxelo yokuba iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) iyamkele le ngqikelelo njengenye eza kukhuthaza ubandakanyeko lwentlalo kunye nokumanyanisa uluntu nabantu ngabanye ngokuxabisa inkcubeko yomnye nomnye. IWCCC igunyazise umdlalo weqonga omtsha obizwa ngokuba yi*Passage*, ukubalula ingxoxo kunye nomdla malunga namasiko kwiinkcubeko ezahlukileyo. Umdlalo, oza kukhutshwa okokuqala ngomhla we-5 kweyoKwindla 2014 e*Baxter Theatre*, uvulela amathuba abadlali abasebatsha kunye nomlawuli osakhulayo ukuba adlule kwizithintelo zenkcubeko aze anike intetho kwisilogani "inkcubeko yakho, inkcubeko yam, ilifa lethu".

Ukongeza kuMhobe weSizwe iziNgxobo zeCD zoqeqesho ebesele ndizikhankanyile, inani lemisebenzi emitsha yayigunyazisiwe. Umzekelo omnye ngumzobo oseludongeni wamakhwahla ejezi aseNtshona Koloni opeyintwe kwisango leSakhiwo i-*Artscape Theatre* njengesikhumbuzo sendima ezi mvumi eziyidlalileyo ebomini bazo.

Ingqungquthela yoLwaluko eyayibanjwe kwekaCanzibe 2013 ukuxabisa ukubaluleka kwenkcubeko yokwaluka kunye nokuqhubela phambili ngengxoxo yokwenza la masiko akhuseleke. Indaba yoMculo weeKwayala wabanjwa neziphatha-mandla kunye nabathathi-nxaxheba abachanekileyo

ukwazisa iSebe ngomsebenzi kunye necandelo lomculo weekwayala odlamkisayo kwiphondo.

Somlomo obekekileyo, ukuzibophelela kwalo rhulumente ekusebenzisaneni neSixeko seKapa ukwakha isixeko esibandakanya uwonke-wonke ngokwenene, kunye nokunika imbeko kwabo bancama okuninzi ukwakha uMzantsi Afrika okhululekileyo, kwabonakala ngoSuku loXolelwaniso ngowama-2013 xa uHambo lokuZonwabisa lwavulelwa uHambo loXolelwaniso. Amawaka abantu baseKapa basebenzisa eli thuba ukubonisa ubutyebi bolwahlukano-nkcubeko beNtshona Koloni kunye nokusikhumbuza ngeyantlukwano yenkcubeko yethu – esona sicwangciso se-asethi sinamandla kakhulu.

Ngomhla woku-1 kweyoMnga 2013, isikhumbuzo see-175 senkululeko yamakhoboka esabhiyozelwa. Lo msitho wakhunjulwa ngesibhengezo esaziwa ngokuba yi*Saron Mission Station* njengelifa lemveli lephondo kunye nokutyhilwa kwembasa yomqondiso wesiza esitsha esibizwa ngokuba yi*Heritage Western Cape* (HWC) kwisiza selifa lemveli lephondo kwiNkonzo eNdala yamaKhoboka (*Old Slave Church*) eTulbagh apho iNkulumbuso iphethe khona. Nkosikazi Nkulumbuzo obekekileyo, siyabulela ngobukho bakho phaya kunye nendima yobunkokheli ekugcineni ilifa lemveli yethu.

Somlomo, ukususela ngowama-2009 ezi ziza zilandelayo zabhengezwa njengeziza zelifa lemveli lephondo:

- iBaboon Point, ngowama-2009, eMatzikama.
- iMussel Point (Mike Taylor's) Midden, ngowama-2009, e-Eland's Bay.

- iCommunity House, ngowama-2010, eSalt River, eKapa.
- iRatelgat, ngowama-2011, eVredendal.
- iDie Hel Forest, ngowama-2012, kufutshane nePrince Albert.
- iWest Coast Fossil Park, ngowama-2012 (isihlomelo sesiza esikhoyo), kufutshane neLangebaan.
- iPinnacle Point, ngowama-2012, eMossel Bay.
- iSaron Mission Station, ngowama-2013, kufutshane neTulbagh.

4.3 Amathuba olutsha lwethu

Somlomo, ndivumele ndiphawule la masolotya omsebenzi weli Sebe aba nempumelelo yamathuba emisebenzi yolutsha.

IDCAS idibanise umanyano lobugcisa obusisigxina kunye neenkuthalo zoluntu. Isiphumo ibe kukuba ulutsha olusuka kwimimandla yasemaphandleni lubonelelwe ngamathuba okuthatha inxaxheba kwiminyhadala efana ne*Die Burger Suidoosterfees*, ne-*Absa Klein Karoo Nasionale Kunstefees* kunye noweZabalaza kwakunye nokuvela njengeendwendwe kuthotho lomdlalo kamabonakude obizwa ngokuba ngu-*7de Laan*. U*William Michaels* osuka eHeidelberg usisiqhamo songenelelo lweSebe kwaye kungoku nje udlala kuthotho lwemidlalo kamabonakude obizwa ngokuba yi*KykNet*.

I-EPWP ibe yeyona mpumelelo inkulu kumaziko olondolozo lwembali kunye nalo nyaka-mali umtsha kwaye amaziko olondolozo lwembali ngamanye kwangama-28 axhaswa ziiNkonzo zamaZiko oLondolozo lweMbali ephondo

aza kuba nabantu abatsha nabanomdla abaza kujongana nawo abaqeqeshwe njengeenkokheli zamaziko olondolozo lwembali baze bakhathalele iingqokelela kunye namancedo amaziko olondolozo lwembali. Inkqubo yangeze ubomi obutsha kunye nemilinganiso emitsha kumaziko olondolozo lwembali kwiphondo.

Inkxaso-mali eyafumaneka kwi-EPWP isetyenziswe ngeendlela ezikhuthazayo lilungu leeNkonzo zeeLwimi kwiminyaka embalwa edlulileyo. Abasebenzi bafunwa baza baqeqeshelwa ukuphuhlisa ukufunda kunye nezakhono zokubhala kwizikolo ezahlukileyo apho iSebe limisele khona iMibindi yeMOD. ISebe kwakhona laququzelela uphuhliso lwenkqubo ekhethekileyo yoqeqesho lweetoliki ezinama-20 abathunyelwa kumaziko ezifo zengqondo ezahlukileyo eNtshona Koloni. Kokokuqala, izigulane ezinesifo sengqondo ezintetho isisiXhosa bakwazi ukuthetha ulwimi lwabo lwenkobe, besazi ukuba iitoliki eziqeqeshiweyo ziza kuthetha ngokuchanekileyo oko bakutsho koogqirha bengqondo nakwabanye abasebenzi bezamayeza.

Ilungu lemidlalo leSebe, iminyaka emininzi lizuzile kwi-EPWP ngolwabelo lweZibonelelo zeemeko ezithile. Ukususela ngowama-2011, iZibonelelo ze-EPWP zeCandelo leNdalo esiNgqongileyo neNkcubeko, iSebe lamisela, ngoncedo lwee-arhente zalo, iinkqubo ezintsha ukudalela ulutsha amathuba emisebenzi ingakumbi kwimimandla yasemaphandleni eNtshona Koloni. Okokuqala, iDCAS yanikwa izigidi ezi-R4, ezanyuswa zaba zizigidi ezi-R8,66 kulo nyaka mali, apho kwadalwa amathuba emisebenzi engama-225. Kulo nyaka-mali ulandelayo, iSebe liceba ukudala amathuba emisebenzi

engama-305 ngemali ezizigidi ezili-R13 eyabiwe kuhlahlo lwabiwo-mali lowama-2014/15

4.4 linguquko zetshesi, zebhola yomnyazi kunye nomdyarho webhayisekile

Impumelelo "yeenguquko" ezintathu zeNtshona Koloni, ezizezi, itshesi, ibhola yomnyazi kunye nomdyarho webhayisekile, izise iimpumelelo ezimangalisayo ngenxa yogqaliso olukhulu, ukukhula nophuhliso lwezi zigaba. Ubungqina boku bungafunyanwa kwabafana noNolan Hoffman ophumelele kwiveki ephelileyo ukhuphiswano olwaziwa ngokuba yi-*Argus Pick n Pay Momentum Cycle Tour* nempumelelo ebonakayo yeqela elingaphantsi kweminyaka eli-19 laseBholani kunye nomdlali webhola yomnyazi weqela lesizwe loMzantsi Afrika uMarie-Lena Joubert.

Inguquko yomdyarho webhayisekile ukhuthaze abaninzi phakathi kwethu. Malunga noku, ndivuyisana nomlingane wam weKhabhinethi u-Alan Winde ngokuthi awugqibe uMdyarho weBhayisekile ngaphantsi kweeyure ezine kwiimeko ebezingantlanga. Wajoyinwa ngale mini liGosa loNxibelelwano namajelo eeNdaba neNtloko kwiCandelo loMphathiswa othe naye wawugqiba umdyarho, nokuba kwakungaphantsi kwamaxesha abekiweyo. Nangona oku kungekho kwisiCwangciso sethu soMsebenzi woNyaka, ndiza kwenza iinzame kangangoko ukunijoyina kumgca wokuqala kunyaka ozayo.

Itshesi iqhube kakuhle kakhulu. Amagqaba-ntshintshi am ibikukubona ulutsha olungama-200 luthatha inxaxheba kwiiNtshatsheli zeTshesi yabaNcinci

yoMzantsi Afrika kwiDyunivesithi yaseKapa. Sisalinde ngomonde usuku apho onyuliweyo uMphathi uKenny Solomon, osuka eMitchells Plein, aza kuba nguMphathi ogqibeleleyo. Iintshatsheli zangoku zoMzantsi Afrika eyiNdoda neBhinqileyo uDonavan van den Heever kunye noDenise Frick bobabini ngabaseNtshona Koloni, zikhulisa umdla kumdlalo.

Ndifuna ukusa umdlalo wetshesi eluntwini ngokulungiselela iitonamenti zasesitalatweni kunyaka-mali omtsha. Ukuba ufuna ukulwa, kwenze oko kwibhodi yetshesi!

4.5 Imibhiyozo kunye nemisitho ephambili

Somlomo, imibhiyozo nemidlalo ephambili kunye nemisitho yokuzonwabisa ibonisa amathuba angawo okuhlanganisa abantu ngezinto ezifanayo ezinika umdla kunye nokwakha ubunye ekubeni ngaxesha nye kulungiselelwa ukufumaneka nokuphuhlisa amathuba olutsha lwethu.

Inani lemisitho ephambili landile ukusuka kwimisitho ephambili engama-25 kwiminyaka embalwa edlulileyo ukuya ubuncinane kuma-45 ngonyaka. Ukhuphiswano olubizwa ngokuba yi*The Cape Times Discovery Health Big Walk*, i*Cape Town Carnival*, i*Cape Town Jazz Festival* kunye nomboniso obizwa ngokuba yi*Christmas Bands* zezinye zemisitho ekhuthaza ubandakanyo loluntu kunye nolwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo eKapa. Imisitho enje ngokumangalisayo iba ngabanikeli ababalulekileyo kuqoqosho lwephondo.

Siza kuqhubeka nokuxhasa le misitho size simanyane nemibutho kunye nabanikezeli ukuze ekugqibeleni senze iNtshona Koloni ibe likomkhulu lemidlalo, eliza kuvelisa ukhenketho oluninzi kwiphondo.

Somlomo, ndiyakuvuyela ukuqaphela ukuba imisitho efana ne*Jazz on the Rocks* eTieties Bay, ePaternoster kunye ne*Kyknet Buite Ekspo* ngaseMalmesbury imisele ulwahlulelwano noomasipala abangaphandle koMasipala oMbaxa weKapa. Zonke izalathiso zezi, bakuba bemisele imisitho ephambili, uMasipala waseSaldanha kunye noMasipala waseSwartland bayakwazi kakhulu ukukhulisa nokuphuhlisa iminikelo yokhenketho lwabo.

4.6 Iziko lolondolozo lwembali laseKapa

Somlomo, kulandela iminyaka emithathu yothetha-thethwano, sikwinqanaba lokugqibela lokugqibezela isivumelwano sengqesho seminyaka engama-30 sokusebenzisa iSakhiwo sase*Standard Bank* kwiSitalato i-*Adderley* njengesiza esitsha sesithili seziko lolondolozo lwembali kwimbali nophuhliso lweKapa. Isakhiwo siza kusebenza kwakhona njengekhaya elitsha leeNkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali yephondo kunye neLifa lemveli leNtshona Koloni.

IZiko loLondolozo lweMbali yeKapa elisacetywayo liza kubona umsebenzi welifa lemvelo elitsha kunye neziko lokhenketho eNtshona Koloni. Oku kuza kudlala indima ephambili kwezemfundo, njengemvelaphi yenkcazelo kunye nenkuthazo kubantu beSixeko seKapa, kunye neendwendwe zifumane imbonakalo yelifa lemveli yeKapa. Kuyaqikelelwa ukuba phakathi kwiinyanga ezimbalwa zokugqityezelwa kwengqesho, indawo iza kuvuleka

njengendawo yethutyana yemiboniso. Ukuba isivumelwano sigqitywe ngethuba, oku kungasebenza njengendawo yemiboniso edityaniswa neKapa njengeKomkhulu lesiCwangciso seHlabathi. Ngokuxhomekeke kwisivumelwano ekunokufikelelwa kuso nomnikazi womhlaba, kulindeleke ukuba imibonisa esisigxina iza kuvulwa phakathi konyaka-mali wama-2015/16.

Isixa-mali esizizigidi ezi-R6.6 siyafumaneka kunyaka-mali wama-2014/15 sokuguqulwa kwesakhiwo nokumiselwa kweZiko loLondolozo lweMbali laseKapa elitsha elisacetywayo.

Ndingathanda ukubulela i*Standard Bank* ngentumekelelo yayo yokucinga ukuvumela ii-asethi yelifa lemveli eziphambili kumbindi weSixeko seKapa ukuba zisetyenziswe njengeziko loluntu.

5 Ukuhanjiswa kolwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo kunye nobandakanyo loluntu ngobugcisa kunye nenkcubeko

Unyaka wama-2014 uphawula ikhulu leminyaka lekonsathi yokuqala ye-orkhestra yokuqala yoMzantsi Afrika. I*Cape Town Municipal Orchestra*, njengokuba yayisaziwa ngowe-1914, ngumanduleli we*Cape Philharmonic Orchestra* yanamhlanje. Imvelaphi ye*Cape Town Opera* ingalandwa emva phaya kwiminyaka yowee-1920 ngokumiselwa kweSikolo se-Opera seDyunivesithi yaseKapa kwiKholeji yoMculo yoMzantsi Afrika. I-*Eoan Group*, ngelishwa engasasebenziyo, yasekwa e*Distric*t *Six* ngowe-1933 nguHelen Southern-Holt. Ngowe-1934 inkampani yokuqala yeballethi esesikweni

yamiselwa, waza umdaniso waqhubeka nokukhula ngenxa ye*Cape Town City Ballet*, *yeJazzart* kunye noMdaniso wabo Bonke. Ikwayara yokuqala yomdlalo weqonga yoMzantsi Afrika yamiselwa kwiDyunivesithi yaseStellenbosch ngowe-1961 yiNqununu, uNjing HB Thom. Ngoko ke kuninzi esinokubhiyozela.

Ngowama-2013/14 itheko lokuthweswa kweembasa zeMicimbi yeNkcubeko, ezi kunye neminye imibutho yemidlalo yobugcisa ebonisa italente yeengcali ezisakhulayo eziba ziinkwenkwezi ngomso. Okona kubalulekileyo yayiyinguqulelo ebonakalayo kubathathi-nxaxheba kunye neziqulatho zeenkqubo. Umsebenzi onzima kunye nokuzinikezela kwaye wonke owayebandakanyekile kuphuhliso, kunyuselo kunye nolondolozo lobugcisa eNtshona Koloni kufuneka banikw'imbeko kwaye ubugqina kufuneka bunikwe kumnikelo obalulekileyo kuthi njengenqila kubugcisa kunye nokugqwesa. Lo msebenzi unzima ubonisa ukuba udumo lweNtshona Koloni njengombindi odlamkileyo, wobomi obuneenkcubeko ezahlukileyo akuyo ngozi: Ludumo olwakhiwe ngaphezu kwamashumi eminyaka emininzi, kwaye kubalula ubungqina bokuba ulwahlulelwano lwethu nale mibutho ibhiyozelwayo buvuna iziphumo ezintle. Isixa-mali sezigidi ezili-R9 siza kufumaneka kwimibutho yobugcisa ukuze iqhubeke nalo msebenzi.

Inkxaso-mali yemibuzo yobugcisa nenkcubeko ivumele iSebe ukuba liqale intsebenziswano phakathi kweenkapani zabaqeqeshiweyo ezinkulu, imibhiyozo kunye nemibutho yasekuhlaleni zize zivale umsantsa owahlula amaphandle needolophu. Ngenxa yolwahlulelwano, umanyano kunye

notyhileko, iSebe likuqhubile ukulinga ubugcisa kunye nokuhlelwa komthamo ngaphakathi kuluntu. Oku kukhulise ubandakanyeko loluntu kumanqanaba ahlukileyo ngenxa yeenkuthalo zethu zomculo eziqhubekayo kwiNxweme eliseNtshona, kwaLanga kunye naseDe Doorns. lSebe liceba ukwandisa iinkqubo zalo zophuhliso lwemidlalo yeqonga ngokuphangalalisa ulwahlulelwano ne*Baxter Theatre*. Ngenxa yeenkuthalo ezinje ngezi, iSebe ligqithisela izakhono kulutsha eziza kwenza iitalenze zalo zithengiseke kakhulu lize lakhe ukugqwesa kubugcisa.

Uhlahlo lwabiwo-mali luphelele lowama-2014/15 lwenkqubo yezoBugcisa neNkcubeko zizigidi ezingama-R31.493. Kule mali, izigidi ezili-14.584 zale mali zilungiselelwe ukuhlawula imibutho yezobugcisa nenkcubeko ngokwaba inkxaso-mali kunyaka-mali wama-2014/15. Umhla wokuvalwa kwezicelo nguLwesibini wama-25 kweyoKwindla 2014 kwaye ugcino lwamaxwebhu luyafumaneka kuvimba-nkcukacha wekhompyutha wesebe okanye kwii-ofisi zeSebe. Ezi zicelo kufuneka zihambe kunye nezicwangciso ezithembekileyo zeshishini kunye nengxelo ephicothiweyo yezezimali. Somlomo, iSebe liwubambe ngempumelelo umnyhadala owaziwa ngokuba yi-*Western Cape Choral Music Indaba* ngeyoMqungu wama-2014. Injongo yale Indaba kukuba onke amaqela achaphazelekayo azuze ukuqonda imbonakalo yomculo weekwayara eNtshona Koloni aze aphawule imiceli-mingeni namathuba omculo weekwayara kwinqanaba lengingqi, lesithili kunye nelephondo.

Kunyaka ozayo iSebe liza kucwangcisa "inguqulelo"yomculo weekwayara njengoko siza kube sisandisa umculo weekwayara owahlukileyo onesakhono esikhethekile waseNtshona Koloni.

5.1 Ukuhanjiswa kolwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo ngamaziko olondolozo lwembali, ngamagama eendawo kunye nelifa lemveli

liNkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali kwiminyaka embalwa edlulileyo libe nenkqubo yokwamkela ubuchwepheshe bangoku kunye namajelo eendaba zoluntu. Ngokubhekiselele koku eyona mbonakalo iphawulwe kakhulu kwiminyaka emihlanu edlulileyo ibikukwaziswa kobuchwepheshe obandisa, bugcina ulwazi olusebenzayo kumboniso. Nangona umboniso wezinto ezibunjiweyo zokwenene ezineembonakalo ezintathu zihlala zingumgqalisela ophambili, ubuchwepheshe obutsha zinika iindwendwe ithuba eliphangaleleyo lokukhetha uhlobo kunye nenkcazelo enzulu abanqwenela ukuyizuza. Le ndlela ibandakanywe ngokulungeneneyo kwimiboniso ekhenkethayo emincinci noko.

Inkqubo yolawulo lwenkcukacha liza kuphuhliswa licandelo lelifa lemveli elisebenzela iLifa lemveli leNtshona Koloni (HWC), iiNkonzo zeZiko loLondolozo leMbali, amaziko olondolozo lembali amanyeneyo angama-28 kunye neCandelo laMagama eeNgingqi leSebe. Iza kunika abafaki-zicelo amalungelo elifa lemveli ukuba bafake izicelo kwikhompyutha, isebenze njengomthombo wenkcazelo yoluntu ngelifa lemveli lamagama eendawo,

ibonelele ngenkqubo yolawulo lweengqokelela yamaziko olondolozo lwembali. Isixa-mali sokuqala sama-R800 000 siyafumaneka kule projekthi kwaye inxalenye yenkxaso-mali yophuhliso oluqhubekayo iza kuvela kumrhumo weHWC. Uhlahlo lwabiwo-mali luphelele lowama-2014/15 lweeNkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali leNtshona Koloni, amaziko olondolozo lwembali amanyeneyo kunye naMagama eeNdawo zizigidi ezingama-R56.917. Izigidi ezi-R4.482 zezi ziza kufumaneka njengenkxaso yamaziko olondolozo lwembali amanyeneyo olawulo lwala maziko olondolozo lwembali.

ULawulo lweMithombo yeLifa leMveli labelwe uhlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo oluzizigidi ezi-R7.075, isigidi esi-R1.590 sazo siza kuba yintlawulo yotshintshelo kwiLifa leMveli leNtshona Koloni.

ICandelo laMagama eeNgingqi leSebe lenze inkqubela engaguqukiyo ngokuqinisekisa nopelo kunye nemvelaphi yamagama eendawo angaphezu kwama-12 000 eNtshona Koloni. Ukususela ngowama-2010, amagama eendawo ali-1020 aqinisekisiweyo angeniswa kwiBhunga laMagama eeNgibgqi loMzantsi Afrika yiKomiti yaMagama eeNgingqi yePhondo leNtshona Koloni.

Iindibano zengxoxo kunye neentlanganiso zabanjwa noomasipala eNtshona Koloni ukucacisa inkqubo yokucebisana efunekayo yeenguqulelo ezicetywayo zamagama eendawo. Oku kubaluleke ngokucacileyo, ngolwazi lwemimiselo eyahlukileyo yenkundla.

6 Ukuhanjiswa kolwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo kunye nobandakanyo loluntu ngamathala eencwadi

Amathala eencwadi angama-351 amanyene neeNkonzo zamaThala eeNcwadi ephondo. Amashumi amabini ala ngamaziko "akwiinqwelo zamavili" ezamiselwa kwimimandla ekude yasemaphandleni. Ukususela ngowama-2009 izakhiwo ezintsha zamathala eencwadi zaqala ukusebenza eVredenburg, ePaarl, eKlapmuts, eHarare Square eKhayelitsha, eNkqubela eRobertson kunye naseNew Horizons ePlettenberg Bay. Amaziko amatsha ayakhiwa ePrince Alfred Hamlet kunye naKwaNonqaba eMossel Bay kwaye ukuphuculwa kweThala leeNcwadi loLuntu eKnysna luyaqhubeka.

Ngowama-2011/12, iCandelo loLawulo-mali lePhondo kunye neSebe lam sathabatha amanyathelo akhaliphileyo okuqala ukubonelela ngenkxaso-mali oomasipala abancinci (abangena kuzinceda) beCandelo leB3 beNtshona Koloni ukuze kuqatshelwe igunya likarhulumente wengingqi lamathala eencwadi angafumani nkxaso-mali. Olu lubuyiselo lwenkxaso-mali kwaye ukuphela konyaka-mali wama-2013/14, lubonelele inkcitho yamathala eencwadi oomasipala be-B3 engama-97%.

7 Ukuhambisa ukwamkelana ngokweenkcubeko ezahlukeneyo ngeelwimi

ISebe linoxanduva lokubonelela ngenkonzo zeelwimi kuwo onke amasebe oRhulumente weNtshona Koloni. Oku kuquka uhlelo noguqulelo lwamaxebhu karhulumente ajliswe eluntwini afana neengxelo zonyaka nezicwangcizo

zonyaka zokusebenza kwiilwimi ezintathu zeNtshona Koloni. Icandelo leeNkonzo zeeLwimi linoxanduva lokuphuhlisa isigama nokuqinisekisa ukuba ulwimi lusemgangathweni.

IQonga looSozilwimi beNtshona Koloni, eliquka oosozilwimi abavela kuninzi lwamasebe ephondo, abanye basuka koomasipala beNtshona Koloni nakwiPalamente yePhondo, abadibana rhoqo ukuphuhlisa isigama, ukuphuhlisa izakhono ngocweyo nokwazisa banzi ngemiba yeelwmi, kwakunye nokuxoxa ngemiba echaphazela iilwimi ngokubanzi. Kubanjwe intlanganiso yocweyo ngokubhalwa nokupelwa kolwimi isiXhosa ze iziphakamiso zanikezelwa kwintlanganiso yocweyo kaPanSALB. Igama elithi "orthography" libhekisela kwindlela olubhalwa ngayo ulwimi. Ucweyo lujolise ekulawuleni indlela esibhalwa ngayo isiXhosa nayakwenzeni ukuba sibe semgangathweni kwaye siphuculwe ngeengxoxo ezisekelwe kumava.

Isiphumo somsebenzi weQonga looSozilwimi bePhondo siphehlelwe ngokusesikweni kweyoMdumba 2014, uluhlu lwesigama sesiXhosa nesiNgesi olwenzelwe ukusetyenziswa ngoosozilwimi. Le ncwadana iyafumaneka ekhompyutheni kwi-intanethi.

Somlomo, ibililungelo lam elilodwa ngexesha leeMbasa zeMicimbi yeNkcubeko ukuwonga uNjing. Adam Small ngegalelo lakhe kulwimi, ingakumbi kulwimi lwesiBhulu, ngembasa yomsebenzi wobomi obude. Ndicaphula kwisincomo sale mbasa:

> *"Ukusuka kwipeni (okanye ikhompyutha) kaNjing. Adam Small kwavela imifaniso yemibongo esibhozo, nesincoko esinye, imidlalo yeqonga*

emihlanu nenoveli enye. Umdlalo wakhe weqonga othi Kanna hy kô hystoe *ubonwa ingomnye wobuchule besiBhulu. Ngowe-1972, uNjing. Small wawulawula ngokwakhe lo mdlalo weqonga xa uDramsoc wecandelo lemidlalo yeqonga e-UWC (ekuhambeni kwexesha yaziwa njenge-Cape Flats Players) wathi wawuzisa eqongeni. U*Kanna hy kô hystoe *wazisa ukuhlaziyeka okupheleleyo komdlalo weqonga wesiBhulu othetha ngemiba yepolitiki ngeenkcoko zemidlalo yasethiyetha. Ukongeza, ngokusebenzisa i-Kaaps ngesiBhulu esisemgangathweni kwimibongo yakhe nakwiincwadi zakhe zemibongo nezemidlalo yeqonga, uSmall wasiphelisa isiphako esihambisana ne-Kaaps. NgokukaNjing. Steward van Wyk, u-Adam Small usebenzisa intetho yenkcubeko ethandwa ngabantu efana neentsomi, iingoma nemvano-siphelo eyasinda kumasiko nezithethe zokubalisa ngomlomo ukuya ekuvakaliseni inkcubeko yabo basebenzayo."*

Yaba lilungelo elilodwa nelingaqhelekanga kum ukuwonga esi sangxa soncwadi lwesiBhulu egameni loRhulumente weNtshona Koloni.

Ngale mbasa, uNjing. Small udibana noonjingalwazi Jakes Gerwel noNeville abenegalelo elingenakulinganiswa ekwakheni isizwe ngolwimi. Siza kuqhuba nokufumana iindlela zokugcina ilifa lemveli laba bantu babalulekileyo boMzantsi Afrika liphila.

Somlomo, iiseshini zoqeqesho zeSebe zoLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika zijolise ekukuthazeni ubandakanyo loluntu, ukuphuhlisa

uLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrikas njengolwimi olwalufudula lusengelwa phantsi, ukwazisa ngeemfuno zoluntu oluziziThulu, ukuphucula ubudlelane bokwahlukana ngokweelwimi, ukuxhobisa uluntu oluziziThulu, ukuqeqesha iitoliki ze-SASL, ukukhuthaza ukunyamezelana nokwamkelana, nokwenza uluntu lwazi banzi ngeemfuno zeziThulu. Kunyaka-mali wama-2014/2015 ugxilo kwi-SASL lwandiselwa kwiiseshini zoqeqesho olulungiselelwe amagosa karhulumente wephondo.

ISebe liza kuqhuba nokuvuselela ukuqonda ukubaluleka kolwimi kunye nokwazi iilwimi ezininzi kunye nokuphuhlisa iilwimi zenkobe ezazikade zingakhathalelwanga kunye noLwimi lwabangaBoniyo boMzantsi Afrika. Siza kuqhubeka neeprojekthi ezifana neeklasi zesiXhosa ukukhuthaza iwonga elilinganayo leelwimi ezisemthethweni eNtshona Koloni. Siza kukubeka esweni ukuzalisekiswa koMthetho wama-2012 wokuSetyenziswa kweeLwimi eziSesikweni eNtshona Koloni ngamasebe esizwe.

IiNkonzo zeeLwimi zabelwe uqingqo-mali olupheleleyo lowama-2014/15 lwezigi8di ezi-R4.679. Ama-R235 000 ezi aza kudluliselwa kwiKomiti yeeLwimi zeNtshona Koloni.

8 Ukuhanjiswa kolwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo ngezinto ezikhoyo eluntwini

8.1 IKomiti yeNkcubeko yeNtshona

Ulawulo oluqhubekayo lwamaziko enkcubeko luza kusoloko luyingqaliselo yeKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni yowama-2014/15.

8.2 IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

Uphando olwenziwe yiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni kwelinye isebe likarhulumente weNtshona Koloni – iSebe leNkulumbuso – liza kuqhutywa ukuvavanya ukuzalisekisa uMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni. Ingxelo ngeziphumo iza kunikezwa kuMlawuli Jikelele worhulumente wephondo.

8.3 ILifa lemvelo leNtshona Koloni

Ngaphezu kweminyaka emithathu edlulileyo, lo mbutho ubone ukunyuka okungaguqukiyo okuphakathi kwe-10% ne-15% kwenani lezicelo elizifumeneyo. Abasebenzi balo abali-15 ngoku badlulisela izicelo ezingama-2000 ngonyaka kwaye izalathiso zibonisa ukuba inani lonyaka wama-2014/15 liza kulidlula kakhulu elo nani.

Ngaphaya kwekota edlulileyo iBhunga leHWC eliphele ngeyoMsintsi 2013, umbutho ugqalisele ekwenzeni iinkqubo zazo zigqibeke kakhulu. Oku kube luncedo kuluntu jikelele kuba ixesha ekujoliswe kulo lokudlulisela izicelo lehle laya kwiintsuku ezingama-30 emva kokufunyanwa kwazo. Inene, uninzi lwezicelo ngoku zigqitywa phakathi nje kwiintsuku ezili-14.

NgeyoMqungu yowama-2014, iHWC iqhubekile nokuhlawulisa umrhumo ngezicelo. Oku kuhambelana nokwenziwa ngabasemagunyeni bemithombo yelifa lemveli kwaye kungenisa malunga nama-R50 000 ngenyanga. Oku kuza kunikela ngokubalaseleyo kwintlalo-ntle yezimali zombutho kwaye

kufuneka ikwazi ukuqhubela phambili imimandla emitsha yemisebenzi kwixa elizayo.

9 Ukuhanjiswa kolwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo kunye nobandakanyo loluntu ngamathala eencwadi

Ngowama-2013, uNondyebo kaZwelonke wazisa ukuba inkxaso-mali yeZibonelelo eziXhomekekileyo ukwenzela ukuqala ukugqalisela igunya elingaxhaswanga malunga namathala eencwadi kamasipala. Eyona mpembelelo ibalaseleyo kumathala eencwadi oluntu eNtshona Koloni iya kuba kukunyuka ngokumangalisayo kwesixa-mali senkxaso-mali yeZibonelele eziXhomekekileyo. Inkxaso-mali inyuke ukusukela kwizigidi ezingama-R68.542 ngowama-2013/14 ukuya kwizigidi ezili-R126.347 ngowama-2014/15. Isixa-mali sezigidi ezingama-R42.347 siza kudluliselwa komasipala abalithoba beCandelo B1 nele B2 ukujongana ngenxalenye nemeko yegunya engaxhaswanga. Isixa-mali siphelele sokudluliselwa kwesibonelele esiXhomekekileyo koomasipala bonke beNtshona Koloni ukuba sisetyenziswe kumathala eencwadi iza kuba zizigidi ezili-R114.333.

Uncedo koomasipala beCandelo le-B3 luza kuqhubeka kwaye, ngowama-2014/15, i100% lenkcitho yaba masipala kumathala eencwadi liza kubonelelwa yiNkxaso-mali yokuTshintsha kaMasipala (izigidi ezingama-R54.777) kunye nokudluliselwa kweziBonelelo eziXhomekekileyo (izigidi ezili-R16.151).

Kusekho izidingo ezincamisayo zokwakha amathala eencwadi amatsha kunye nokuphucula amaziko akhoyo eNtshona Koloni. IiNkonzo zamaThala eencwadi zibekele bucala izigidi ezisi-R7.5 zeziBonelelo eziXhomekekileyo ukuxhasa ngezimali amathala eencwadi amatsha:

- kwiThala leeNcwadi loLuntu ePrince Alfred Hamlet (uMasipala waseWitzenberg) – Isigaba sesibini.
- kwiThala leeNcwadi loLuntu eCitrusdal (uMasipala waseCederberg) – Isigaba sokuqala.
- kwiThala leeNcwadi loLuntu i-Avian Park (uMasipala waseBreede Valley) – Isigaba sokuqala.
- eSlanghoek (ithala leencwadi loluntu /lesikolo elinemisebenzi emibini elilungiselelwe ukusetyenziswa rhoqoo) (uMasipala waseBreede Valley).

Isixa-mali esizizigidi ezili-R15.5 senkxaso-mali yeziBonelelo eziXhomekekileyo siza kusetyenziswa ukubonelela ukuphuculwa kwamathala eencwadi:

- iThala leeNcwadi loLuntu laseHangberg (iSixeko seKapa).
- iThala leeNcwadi laseCrossroads (iSixeko seKapa).
- iThala leeNcwadi laseParow (iSixeko seKapa).
- iThala leeNcwadi laseConvilley (uMasipala waseGeorge) – Isigaba sokuqala.
- IThala leeNcwadi laseKleinmond (uMasipala wase-Overstrand) – Isigaba sokuqala.

Iprojekthi ebizwa ngokuba yi*Rural ICT* efumana inkxaso-mali kwiziBonelelo eziXhomekekileyo nakwinkuthalo eyaziwa njengokuba yi*Broadband* iza

kuqhubeka. Kucingwa ukuba amathala eencwadi oluntu angama-200 aza kukwazi ukufikelela kwi-Intanethi ekupheleni kweyoKwindla wama-2015.

Isixa-mali esisigidi esi-R1 855 900 safumaneka kwiiNkonzo zeThala leencwadi ukuqesha abasaqeqeshwa-besebenza kwi-EPWP. Aba baqeqeshwa-besebenza baza kusetyenziswa okokuqala ukunceda ulawulo lwee-asethi (izinto zethala leencwadi). KwiiNkonzo zoVimba, aba baqeqeshwa-besebenza baza kuqhuba nokuncedisa ukufaka iinguqulelo zeenkcazelo zeefoto koovimba.

Ingxowa-mali eyaziwa njengokuba yi-*The Bill and Melinda Gates Foundation* iyancedisa ngoku kumathala eencwadi oMzantsi Afrika ukukhupha izixhobo kunye noluhlu lweenkqubo zekhompyutha. Amathala eencwadi amathathu eNtshona Koloni - iCJ Langenhoven kuMasipala wase-Oudtshoorn, iD'Almeida kuMasipala waseMossel Bay kunye neeThala leeNcwadi lasePaarl kuMasipala waseDrakenstein aza kuthatha inxaxheba kwiprojekthi yokusungula. Ithala leencwadi ngalinye liza kufumana iikhompyutha ezingama-20, oomatshini bokushicilela aba-2, iinkqubo zokufikelela kwiincwadi ezikuhlobo lweekhompyutha ezili-10 kunye neetablethi ezili-10 simahla. Kwezi khompyutha zingama-20, ezimbini ziza kunikezelwa kwabangaboni kakuhle kuze ezi-3 zisetyenziselwe imidlalo.

9.1 Ukuhanjiswa kolwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo ngoovimba

Njengabagcini beerekhodi zolawulo eNtshona Koloni, iDCAS yabelwe ukuba igcine iinkumbulo zokusebenzisana norhulumente wephondo kunye nokuqhuba ixesha lomsebenzi kwiinkqubo zokubhala ephepheni iye kwiinkqubo zokugcinwa ngenzululwazi esebenzisa ikhompyutha.

Ukuhlaziywa kwerekhodi nolawulo lwesiqulatho kunye nezinto zelifa lemveli ezifakwe kwikhompyutha kooVimba beNtshona Koloni kunye neeNkonzo zeeRekhodi ezafumana inkxaso ebalaseleyo xa yayifumene uqingqo-mali olongeziweyo lwezigidi ezingama-R30.6 ngowama-2014/15.

Ukuqinisekisa ukwenza ukuba ulawulo lweerekhodi olufezekileyo neenkqubo luzalisekisiwe kuRhulumente weNtshona Koloni uphela, uzalisekiso lwenkqubo ebizwa ngokuba yi*MyContent* (eyayisaziwe ngaphambili njengolawulo lwesiqulatho seshishini – ECM) iza kuqhubeka ngaphathi kwamasebe. Ugcino olubekwe embindini kunye nokufikeleleka kwenkcazelo ngokunqamlezileyo luza kuba yinzuzo ebalaseleyo kwiphondo, kwaye luza kukhulisa ukuhanjiswa kweenkonzo, ukuba sekuhleni kunye nokuba noxanduva lokuphendula.

Imfuneko yokufaka kwikhompyutha iirekhodi zovimba ukuba zilondolozwe zize zisetyenziswe luluntu ziphawuliwe kwaye, kulo nyaka uzayo, ukufakwa kweenguqulelo koovimba bogcino-mpepha ezibalulekileyo abanqabileyo kunye nacekethekileyo kuza kuqaliswa.

Ukuze urhulumente wephondo akwazi ukukhuphela kuluntu iinkcukacha ezigcinwe kooVimba beNtshona Koloni kunye neeNkonzo zeeRekhodi, ukuveliswa kwesango lonxibelelwano liza kuqhubeka.

10 Ukuhanjiswa kolwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo kunye nobandakanyo loluntu ngemidlalo

10.1 Ukukhuthazwa kwezemidlalo

Umanyano lwemidlalo ludonga olusebenza nzima ekufezekiseni izithembiso. Ndiyavuya ukwazisa ukuba, ekubeni sifumene iziphumo zephondo zophando olwalugunyazisiwe "loMcimbi weMidlalo" ngeenzuzo zotyalo-mali olwandayo kwezemidlalo, kucacile ukuba imidlalo yinqwelo ebalaseleyo yokukhula koqoqosho, kwaye yiyo loo nto imidlalo kufuneka ifumane inkxaso kurhulumente wethu ngaphambili kwiminyaka. Inkxaso-mali kumanyano lwemidlalo iza kunyuka ngesixa-mali sezigidi ezili-R10 kwiminyaka emithathu elandelayo. Kulo nyaka, isixa-mali sezigidi ezi-R3 sabelwe ukudluliselwa kwinkxaso-mali yomanyano.

Somlomo, kuthweso lweembasa olubizwa ngokuba yi*Western Cape Provincial Sport Awards* kule veki iphelileyo, besinenyhweba yokubiza u-Eben Etzebeth njengoMdlali oyindoda obalaseleyo woNyaka. UMarie-Lena Joubert, umdlali webhola yomnyazi osuka eBholani obemele uMzantsi Afrika kwinqanaba labasebatsha kunye nabadala, wakhethwa njengoMdlali olibhinqa woNyaka. Baza kumela iNtshona Koloni kuthweso zimbasa elibizwa

ngokuba yi*National Sport Awards* ekupheleni kwalo nyaka. Sibanqwenelela impumelelo kulo msitho udumileyo.

Somlomo, isixa-mali esizizigidi ezi-R2.3 sabelwe ukomeleza umsebenzi oxabisekileyo owenziwe ngamabhunga emidlalo yethu. Ngaphaya kweminyaka emine edlulileyo sibe, nolwahlulelwano noMbutho weMidlalo waBasebenzi baseziFama elikhokelwa ngusihlalo walo uReggie Deysel, silungiselela uSuku lweMidlalo yaBasebenzi baseziFama. Oku kuqinisekisa ukuba abasebenzi basezifama bawayilelwe amathuba okuthatha inxaxheba kwimidlalo nekweminye imiba yokuzonwabisa.

Somlomo, sibukhulisile ubudlelane phakathi kweSebe noomasipala ngaphaya kweminyaka eminye edlulileyo. Sityikitye isaziso sokuqondana sokuphucula amaziko emidlalo akhoyo kunye nokwakha amanye amatsha. Ukukhula kwenani leeprojekthi kumiselwe ngokusesikweni nolwahlulelwano kunye noomasipala. Imizekelo iquka iMidlalo yeMveli eKranshoek kunye noMasipala wasebitou, ukuphuhlisa ibhola yomnyazi noMasipala waseSwartland, uMbhiyozo weMidlalo noMasipala waseMossel Bay, umbaleko wemigama emide obizwa ngokuba yi*Cape Town Marathon* kunye neSixeko seKapa, kunye nechibi lokuqubha eConville noMasipala waseGeorge.

Isixa-mali sezigidi ezili-R12 836 780 labelwe ukuphuhliswa kweklabhu.

Somlomo, ngaphaya kweminyaka emine edlulileyo, iziBonelelo eziXhomekekileyo esizifumana kwiqumrhu leMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (SRSA) zinyukile ukusuka kwizigidi ezingama-R38 ukuya kwezingama-R58

kowama-2014/15 kwaye izigidi ezili-R12 836 780 nezingama-R24 506 580 ziza kwabelwa inkqubo eyaziwa ngokuba yi*Siyadlala Mass Participation Programme* kunye neNkqubo yokuThatha-inxaxheba yaBaninzi kwiMidlalo yeZikolo ngokwahlukahlukeneyo.

10.2 Ukuhanjiswa kolwamkelwan ngokweenkcubeko ezahlukeneyo kunye nobandakanyo loluntu ngeeNkqubo zeMOD

Somlomo, njengokuba umlingane wam uMphathiswa Allan Winde ebhengezile ngethuba lentetho yakhe yoqingqo-mali, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo liza kuguquka, liqinise lize lomeleze iiNkqubo zeMOD. Oku kuza kuphunyezwa ngokwandisa uluhlu lwemisebenzi enikelwa ngamaCandelo eMOD. Izigidi ezili-R18.55 zabelwe iiNkqubo zeMOD ngaphaya kweminyaka emithathu eqala ngowama-2014/15.

11 Ukugqibezela …

Somlomo, ngomoya wenyani wenkululeko, iSebe liwaphumezile amagunya alo ngomsebenzi onzima nokuzinikela kwamawaka abahlali beNtshona Koloni abasebenzela ulwakhiwo olufida amagunya omgaqo-siseko esi sikhundla esinoxanduva kulo. Bangamagorha okwenene axhasa umsebenzi weSebe.

Ngokuphathelele koku, ndivumeleni ndivakalise umbulelo wam onyanisekileyo kumadoda nabafazi abakhonza ngokuzithandela kulwakhiwo lolawulo lwemibutho yobugcisa nenkcubeko, iibhodi zabathenjwa, iikomiti

zolawulo kunye neebhodi zolawulo lokwenziwa komsebenzi ezimanyene namaziko olondolozo lwembali, iKomiti yaMagama eeNgingqi yePhondo leNtshona Koloni, iBhunga neKomiti yeLifa leMveli leNtshona Koloni, iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni, iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, iKomiti eCebisayo yooVimba bePhondo leNtshona Koloni, umanyano lwemidlalo, amabhunga emidlalo kunye neKomiti yoLamlo yeNtshona Koloni. Ngaphandle kwengqiqo yabo exabisekileyo nokuzinikezela, iSebe belingenakho ukuziphumeza iinjongo zalo.

Agbare Speaker, ek sluit af met 'n verwysing na 'n dame, Mavis Hutchison, wat 'n inspirasie vir ons mense van die Wes-Kaap is. Dit is haar inspirasie en toewyding wat ons nodig het op vele ander terreine om 'n beter samelewing te skep.

Somlomo, uMavis Hutchison, oneminyaka engama-89, waseFish Hoek uphumelele iimbasa ezintlanu – igolide enye kugqatso oluzi-200m, isilivere kwidiscus kunye neshortput, ubhedu kwijavelini nogqatso lwee-100m kukhuphiswano olubizwa ngokuba yi20th *World Masters Athletic Championships* ebeluvanjelwe ePorto Alegre, eBrazili, ekupheleni kowama-2013.

UHutchison, obeyimbaleki ngaphezu kweminyaka engama-53, ube ngumfazi wesithathu ukuthatha inxaxheba kugqatso lweComrades Marathon ngowe-1966 waza waba ngumfazi wokuqala "ukubaleka anqumle iMelika"ngowe-1980 ukusuka eLos Angeles aye kutsho eNew York. Ngothando waziwa "njengomakhulu obalekayo (*Galloping Granny*)" waseMzantsi Afrika.

Somlomo, umsebenzi wethu awukagqitywa. Izitena zokwakha zikhona kwaye nesiseko sele senziwe. Siyakha, sibeka isitena phezu kwesitena sikunye nabemi bethu, ubomi obungcono eNtshona.

Somlomo oHloniphekileyo, namhlanje ndazisa ngezinye iinguquko ezintathu kwiSebe lam:

- I-athiletiki.
- Umculo weekwayala.
- Ibhola yomnyazi.

Somlomo oHloniphekileyo, ukwandisa "ulwamkelwano ngokweenkcubeko ezahlukeneyo" nokubandakanywa koluntu, iSebe lam lwenze uhlahlo lwabo-mali ngolu hlobo lulandelayo:

Inkqubo 1 (Ulawulo): izigi ezingama-R54.563

Inkqubo 2 (iMicimbi yeNkcubeko): izigi ezili-R102.098

Inkqubo 3 (amaThala eeNcwadi noLondolo lweeNkcukacha eziBalulekileyo): izigidi ezingama-R306.96

Inkqubo 4 (ezeMidlalo): i-R159.398 lezigidi

Somlomo oHloniphekileyo, ndithi thaca phambi kwakho uhlahlo lwabiwo-mali lweSebe lam lowama-2014/15 oluzizigidi ezingama-R626.01.

Ek dank u/ I thank you/ Enkosi